



education

Department:
Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

NOVEMBA 2008

AMANQAKU: 80

IXESHA: 2 iiyure

Eli phepha linamaphepha ali-12.

IMIYALELO KUNYE NENGCOMBOLO YOLWAZI

1. Eli phepha lemibuzo linamacandelo AMATHATHU, angala:
 - ICANDELO A: Uvavanyo lokuqonda (30)
 - ICANDELO B: Ushwankathelo (10)
 - ICANDELO C: Usetyenziso kolwimi (40)
2. Phendula YONKE imibuzo.
3. Bhala icandelo ngalinye kwiphepha elitsha uze ukrwele umgca ekupheleni kwecandelo ngalinye.
4. Shiya umgca emva kwempendulo nganye.
5. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.
6. Landela imiyalelo ngocoselelo.
7. Bhala iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
8. Qwalasela upelo nolwakhwiwo Iwezivakalisi.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1

Funda isicatshulwa esilandelayo uze uphendule imibuzo. Kwimibuzo ekulindeleke ukuba uchonge impendulo enye, bhala inombolo yombuzo kunye nonobumba ongqinelana nempendulo echanekileyo.

- 1 Xa eseklasini uNontsikelelo Qwelane ufunu ukuhoywa ngokupheleleyo ngabafundi bakhe. 'Yekani ukubhala nijonge mna – ibalulekile le nto! Ndifuna ukwazi ukuba kungani imitha yelanga ethambekileyo ikhupha ubushushu obuncinane,' utshilo. Uthi iGeography ikufundisa ukucinga ungamameli izinto ezithethwa ngabantu kuphela. Abafundi baphakamis'izandla befun'ukuphendula umbuzo kamakhulu. Umakhulu uQwelane uzelenge iminyaka engama-67 njengotitshalakazi yaye uyeyona titshalakazi ixelenge ixesha elide kweli. Akaseva kakuhle yaye uyakhokhoba kancinci, kodwa ukrelekrele yaye usawuthanda umsebenzi wakhe. 'Bubomi bam obu. Nkqu neli dolo lindikhathazayo ndiyalilibala xa ndiseklasini. Nditihsa lonk'ixesha. Umzuzu nomzuzu ubalulekile,' utshilo esakuphuma eklassini.
- 2 Umakhulu uQwelane uitsha abafundi bebangi le-10, 11 no-12 i-Geography eMetropolitan College esisisikolo sabucala esiseWhite River eMpumalanga. Iklasi yakhe yeMatriki ipumelele nge-98 pesenti nyakenye kodwa uthi akakhuthazwa zizophumo kuphela. 'Andibafundiseli ukuba bapase iimviwo. Ndifuna bakwazi ukuzicingela baze baphile ubomi obubhetele bakwazi ukuzimela. Kubalulekile ukuba bakwazi ukuzimela bangaxhomekeki kwinkxaso kaRhulumente. I-Geography akuyonto iqhubekela eklassini kuphela – yinto eyenzeka phaya phandle. Xa kungekho nkqubela phambili endaweni ndiye ndibuze kubo abafundi isizathu soko.' Ingqonyela yesi sikolo uColbert Kouatcho uthi uQwelane yititshalakazi enomsebenzi oncumisayo kakhulu. 'Ndamquesha ngo-2003 kuba ndandimazi yaye sasikhe saphangela naye. Ukhuthele, uzimisele, usebenza ngokuzinikela yaye ungumzekelo omhle kubafundi nakubasebenzi.'
- 3 UQwelane unabantakwabo abali-12 yaye waqal'ukutitsa kwiCollege eqequesha iitishala iAll Saints eNgcobo ngo-1940. 'Ndafunda ndaza ndahlohl kuyo le College,' utshilo. Ufundise kwizikolo eziliqela eMpuma-Koloni, eNtshona Koloni naseMpumalanga. Ukhe waba yinqununu izihlandlo eziliqela. Kunyaka ophelileyo uwongwe liSebe leMfundu eMpumalanga ngembasa yokuba yeyona titshala ixelenge ixesha elide. Ukuze ube yititshala egqibeleyo kufuneka uqiniseke ukuba iklasi yakho iziphatha kakuhle. 'Njengoko nibonile nani iklasi yam ithule yaye inocwangco. Andinangxaki nokonwaba kwabantwana kodwa kufuneka balazi ixesha lokudlala. Ndingumntu onjalo nje. Ndikhuphe amaggwetha, oogqirha, namalungu ePalamente, yaye bonke bayandazi.'
- 4 Abantwana bale mihla abakhuthalanga njengathi, bafuna ukuqhutywa. Kodwa bayamamela xa uthetha nabo. 'Uthi wakhuthazwa ngabazali bakhe abangasekhoyo ukuba abe yititshalakazi. Babesebenza efama eNgcobo. 'Babenebunga lokuqala kodwa basikhuthaza ukuba sifunde. Abantakwethu bafundile abanye bangoogqirha, amaggwetha, abahloli ...' Umakhulu uQwelane

wayehlala eBarberton nomyeni wakhe ongasekhoyo ngoku ngo-1948 ngaphambi kokuba aye kuhlala eWhite River yaye usatyelela ekhaya eNgcobo. 'lntombi zam ezimbini nazo zingoitishalakazi. Umafungwashe wam uNomonde uyinqununu kwisikolo samabanga aphakamileyo ePietermaritzburg yaye uNomakhwezi, omalekelayo uyinqununu kwisikolo samabanga asezantsi apha eKabokweni. Ewe bakhuthazwa ndim kodwa nam ndakhuthazwa likhaya endakhulela kulo. Noxa nje ugogo Qwelane engutitshalakazi uyakuthanda ukufunda naye yaye unezidanga ezine. 'Ndayek'ukufunda ngo-1998 ndisakufumana isidanga seMasters in Public Administration ngenxa yokuba abantu babesithi ndifundela ukufa,' utshilo ngoncumo olugoso.

[Lucatshulwe kwiBONA magazini, Apreli 2007]

IMIBUZO

Qaphela lo myalelo:

Bhala kuphela inombolo kune nonobumba ongqinelana nempendulo echanekileyo.

1.1 Utitshalakazi ogqibeleleyo kufuneka abe:

- A ufunde wayityekeza.
- B unesiphiwo sokuthanda ukutitsha.
- C ngu-A no-B.
- D akukho mfuneko yoku kungasentla.

(2)

1.2 Unkosikazi Qwelane ufundise kwizikolo ezininzi kumaphondo ngamaphondo eli loMzantsi Afrika. Chonga iphondo libe linye kula adweliswe ngasezantsi **angakchange** afundise kulo:

- A EMpumalanga
- B EMntla-Ntshona
- C EMpuma Koloni
- D ENtshona Koloni

(2)

1.3 lntombi zikaNkosikazi Qwelane zifundile kwaye zisezikhundleni eziphezulu ezifanayo emsebenzini. Zibambe eziphi izikhundla? Khetha kwezi zilandelayo:

- A Ngamagqwetha
- B Ziitshalakazi
- C Ngoogqirha
- D Ziinqununu

(2)

- 1.4 Ngokwenqununu yaseMetropolitan College yabucala, uMnu Colbert Kouatcho, uNkosikazi Qwelane unomsebenzi:
- A oncomekayo
B oncumisayo
C ochanekileyo
D olungileyo (2)
- 1.5 Qwalasela umhlathi woku-1.
Khetha ibinzana elinamagama angadlulanga kwisithathu elibonisa ukuzinikela emsebenzini kukaNkosikazi Qwelane. (2)
- 1.6 Qwalasela umhlathi wesi-2.
Chonga esona sivakalisi esichaza uGogo Qwelane njengetitshalakazi ephume izandla. (2)
- 1.7 Qwalasela umhlathi wesi-3.
Caphula isivakalisi esibonisa ukuba kulawula inzolo kwiklasi kankosikazi Qwelane. (2)
- 1.8 Qwalasela umhlathi wesi-4.
Chaza intsingiselo yeli binzana, 'Umafungwashe wam ...' (2)
- 1.9 Ngokukankosikazi Qwelane nguwuphi umahluko oqaphelekayo kubantwana bale mihla abafundisayo kunye nabo bexesha lakhe awayefunda ngalo?
Caphula isivakalisi esichanekileyo ukuxhasa impendulo yakho. (3)
- 1.10 Xela ukuba YINYANISO okanye ASIYONYANISO. Xhasa impendulo yakho:
Unkosikazi Qwelane wayefundisela ulwazi ngaphezu kweziphumo. (2)
- 1.11 Nika iimpawu EZIMBINI ezibonakalisa ukuba iminyaka ihambile kunkosikazi Qwelane nangona esawuthanda umsebenzi wokutitsha. (4)
- 1.12 Unkosikazi Qwelane ukholelwa ukuba ngumzali oyena mntu udlala indima ebalulekileyo kwimfundo yomntwana wakhe. Khankanya izinto zibe MBINI ekulindeleke ukuba umzali azenze ukuze umntwana wakhe afunde. (2)
- 1.13 Unkosikazi Qwelane wazuza izidanga ezine zemfundo enomsila. Khankanya isidanga sokuggibela awasifumanayo. (1)
- 1.14 Ngamagama angadlulanga kwasi-7, nika isihloko esifanelekileyo esibonisa ukuba unkosikazi Qwelane ngumpondozihlanjiwe wetitshalakazi. (2)

ICANDELO B: USHWANKATHELO

UMBUZO 2

Funda esi sicutshulwa silandelayo, wandule ushwankathelo ngamazwi akho iingongoma eziphambili ulandela esi sikhokelo:

1. Shwankathela ngezivakalisi ezipheleleyo. (3)
2. Sebenzisa awakho amazwi ngokusemxholweni. (3)
3. Shwankathela ungadluli kumagama angama-60. (2)
4. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo ngezantsi kwesishwankathelo. (1)
5. Umsebenzi wakho mawucoceke. (1)

Qaphela ukuba uza kohlwaywa xa ungayenzanga le miyalelo ingasentla.

UBUSHUSHU OBUQATSELEYO

- 1 Lingcali zesayensi zikhuphe esona silumkiso sakha sangqongqo sokuba ihlabathi liyatshabalala ngenxa yabantu abafuna inzuko nangayiphi na indlela. Xa ingalungiswa le meko ngokukhawuleza, siza kujongana neengxaki ezingaphezulu kwe-Aids.
- 2 Uphando ngokuguqu-guquka kwemozulu lufuna kulingwe izinto ezininzi ezintsokothileyo nophengululo lwezinto ngezinto. Iziphumo zolo phando zicace gca kwaye ziyyokisa kuba zidulisa into yokuba umzuzu nomzuzu, nemini nemini, SIYALITSHABALALISA IHLABATHI. Ihlabathi liba shushu kuba umsi weemoto, oomatshini abakhulu, ukutshatyalaliswa kwamahlathi nezinye izinto ziyaqokelelana esibhakabhakeni zize zenze ingubo engqingqwa ephezu kwehlabathi. Yintshabalalo yodwa iziphumo zoku. Zezo ziphumo esizibonayo ngoku kwaye imeko iseza kubambi kakhulu ngokutsho kwe-*Intergovernmental Panel On Climate Change* eliqela leengcali zesayensi ezingama-2 500 ezidityaniswe nguMbutho weZizwe eziManyeneyo.
- 3 Amaqondo obushushu aqhelekileyo angonyuka ngama-64 °C ekupheleni kwale nkulungwane ngokutsho kwabe-*Intergovernmental Panel On Climate Change*. Oko kuza kutshabalalisa izinto ezininzi zendalo, kwenze kunqongophale ukutya namanzi emazweni athile, kwaye kuze nezandyondyo zemvula eziya kushiya izigidi zingenamakhaya.
- 4 Ngaphezulu imizi-mveliso, iimoto, inqwelo-moya neziny'izinto ezakhiwe ngabantu ziyandisile i-carbon dioxide nemethane emoyeni. Indalo ke ayikwazi ukumelana nokwanda kwemimoya engcolileyo. Eneneni sibe neminyaka emihlanu eyeyona ishushu ukususela ngowe-1997, kwaye owama-2005 ibe ngowona nyaka ushushu kunayo yone.

- 5 Kukho iigesi ezithile ezifudumeza umhlaba. Xa bebungekho ubushushu bomoya, ubushushu bomhlaba bebuza kuba ngaphantsi ngama-30 °C. Loo nto inokwenza ukuba umhlaba kungaphileki kuwo. Eyona nyaniso iphambili yinto yokuba abantu base-USA basisi-5 sepesenti yabantu abaphila kwihi labathi liphela kodwa ilizwe labo linegalelo lama-22 pesenti *kwi-carbon dioxide* ebangela ubushushu bomhlaba obuqatseleyo.

[Sicatshulwe kwiBONA magazini, Meyi 2007]

INKCAZELO YAMAGAMA/ISIGAMA

Inkcazelo =	OoSosayensi
Ungqongqo =	Owoyikekayo
Ezintsokothileyo =	ezinobunzima
Uphengululo =	Tyhila
Engqingqwa =	esindayo
Intshabalalo =	ukufa
Inkulungwane =	iminyaka elikhulu
Ukunqongophala =	ukunqaba
Izandyondyo =	imvula enkulu
Kungaphileki =	kungabi nampilo
Obuqatseleyo =	obugqithisileyo


AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: UKUSETYENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 3: OKUBONWAYO

3.1 UHLALUTYO LWEKHATHUNI

Fundiswa ikhathuni elandelayo ngasezantsi wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.



- 3.1.1 Xela ukuba iqhubeka phi le ncoko yesi sibini samadoda akwikhathuni. Xhasa impendulo yakho. (3)
- 3.1.2 Qwalasela iFreyim A.
Chaza ukuba igama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwiFreyim A lithetha ukuthini. (1)
- 3.1.3 Qwalasela iFreyim B.
Chaza kuvokotheke inkangeleko yendoda enxibe isuti emnyama, uxele ukuba ixela ntoni malunga neemvakalelo zayo. (4)

- 3.1.4 Qwalasela iFreyim C.
Kukho uphawu olubhalwe ngasentla kwale ndoda enxibe isuti emnyama. Ingaba lumphulisa ntsingiselo ni? (2)

3.2 UHLALUTYO LWESIBHENGEO-NTENGISO

Fundisia esи sibhengezo-ntengiso silandelayo wandule uphendule imibuzo elandelayo.

**Iphasta...
eluncuthu!**



[Umfanekiso uvela kwiBONA magazini, Septemba 2007]

- 3.2.1 Chaza ukuba kutheni umthengisi ekhethe igama elithi 'eluncuthu' kwibinzana eliyintloko. (2)
- 3.2.2 Kutheni umthengisi ebhale ngqindilili igama elithi 'iphasta'? (2)
- 3.2.3 Ingaba amachaphaza amathathu abhalwe ngqindilili emva kwegama elithi 'iphasta' anentsingiselo? Xhasa impendulo yakho. (3)

[17]

UMBUZO 4: ULWIMI NEZAKHONO ZOKUHLELA

Kweli nqaku lilandelayo, kukho iimpazamo ezininzi ezenziwe ngabom kumgaqo wokusetyenziswa kolwimi neziphumlisi kunye namagama akwizibiyeli abonisa ukungaqiniseki kombhalu ngelona gama elichanekileyo. Fundisia eli nqaku ngononophelo uze uphendule imibuzo elandelayo:

Uzubuye!

- 1 'Phuman! Balekani! Phuman! Khawulezani! Khawulezani', niza kufa! Niza kufa! Latsho elo lizwi lingxame ngeyona ndlela, umniniro evakala ukuba akemanga, uyabaleka, ubaleka umsindo ozayo. Ndandihleli ndithe qwa, kungekho (nanye/namnye) endingakhange ndingayiboni kwezithe zenzeka kuloo ndlela imasikizi. Ndikhabe ucango lwenqwelo eyayiseyingxongxile yona, lakuvuleka ndaphuma ngathi ndiyatyhalwa. Tshawu nje kwakanye, kuxa kanye inyanga isiya kusithela ngaphaya kwamafu, ndathi ntla ityholwana elimnyamana phambi kwam, ndenza waluhlaza, gweje ngaphaya kwalo, buthuthu nca ngesisu, ndamamela ndiphungu-phunguza. Cwaka, kuvakala kuphela ingxolo yeentaka zasebusuku, udyakalashe ekhonya kabukhali ekudeni phaya. Phaya enqweleni kwakuvakala imigudu yokugungquza kwabantu abazama ukuphuma, kodwa kucaca ukuba kunzima. Ukho yena lo wayencwina ngathi ucinezelwe yimbokotho **ezimbambeni**. Inqwelo yayibhkuqe ngendlela apha engenakuze ibaliswe.
- 2 Sasisela sibugabhule ubusuku ukwenzeka kwentlekele emva kokuba singene kwintshinyela yomhlaba ekwakucaca ukuba ngoweemvula namanzi. Ndandisaziqothile apha kanye ngasemnyango ngasemva evenini ndimamele ukubetha kwamavili (indlela/endleleni) yomhlaba, ukuva kwam ukudubula kwento engathi kukuggabhuka. Into endingazanga ndiyazi kukuba ingaba lo mdubulo usuka kwalapha kuyo na okanye mhlawumbi kudutyulwa inqwelo le na? Yasuka yahexa kwangoko ngathi inesathuthwane, yaggiba indlela le. Yanxanxatheka yakekela kucaca ukuba umqhubi uzama-zamana nokuthi ayibuyisele esiqhelweni. Kuthe kuphi xhungu, phequ umsila, sajijeka isinque, waqwanya umphambili, yaya kunkaleka ngenqentsu, yaphethuka kabini kathathu, yaya kungxongxa phezu kwamatye ecaleni kwendlela, yaba ngumzuzwana emva koko kuthe cwaka. Ndandisasusa ababezokuwela bhuma phezu kwam ukuva kwam eliya lizwi lesilumkiso.
- 3 Hayi wena baza kuphuma, yatsho ingqondo yam, ndasuka etyholweni kanye xa inyanga isithi thu ngaphaya kwelifu, ndalanda icala elinayo, icala elinehlathi elimnyama. Ndandiyiqhelile ke into yokuthwabaza ehlathini ebusuku, ndiyiqhele kulaa (ntsunguzi/ntshinyela) yentaba kaqaka xa sizingela iimbabala. Singabakhwetha yayilixesa lethu ukuphuma ngobusuku siyokuzingela iinyamakazi, kuba sihloniphe ukungabonwa zizingqwathi ziyoukuchola-chola iinkuni endle. Yenze ke loo nto ukuba ungaze ulale ebusuku ungumkhwetha, ixesha lokulala lelasemini ukuba nalo phofu uyalifumana. Ufunyenwe ulele ebusuku ungumkhwetha! Ubuxelelwu nje ngabanye ukuba obakho ubudoda buyathandabuzeka. Ngalo mava ke andenza ukuba ndingaboyiki ubusuku, ndisuke ndikhethi kwabona ngelinye ixesha ingakumbi xa kukubi.

[Sicatshulwe kwincwadi ethi, UKhozi olumaphiko, nguNcedile Saule]

- 4.1 Chonga igama elichanekileyo kulawo akwizibiyeli. Bhala kuphela impendulo yakho ecaleni kwenombolo yombuzo (4.1.1 – 4.1.3) kwincwadi yakho yokuphendula imibuzo.
- 4.1.1 'Ndandihleli ndithe qwa, kungekho (namnye/nanye) endingakhange ndingayiboni kwezithe zenzeka kuloo ndlela imasikizi.' (1)
- 4.1.2 'Ndandisaziqothile apha kanye ngasemnyango ngasemva evenini ndimamele ukubetha kwamavili (indlela/endleleni) yomhlaba, ukuva kwam ukudubula kwento engathi kukugqabhuka.' (1)
- 4.1.3 'Ndandiyiqhelile ke into yokuthwabaza ehlathini ebusuku, ndiyiqhele kulaa (ntsunguzi/ntshinyela) yentaba kaQaka xa sizingela iimbabala.' (1)
- 4.2 Igama elithi, 'uzubuye' elisisihloko likwimo emfutshane, libhale ngokutsha libe kwimo ende. (2)
- 4.3 Qwalasela umhlathi wesi-3.
Igama elikrwelelwe umgca kumhlathi wesi-3 lipelwe ngokungachanekanga, libhale ngokutsha ulipele ngokuchanekileyo. (1)
- 4.4 Igama elibhalwe ngqindilili kumhlathi wokuqala alibhalwanga ngokuchanekileyo kwisivakalisi. Libhale ngokutsha kodwa ulibhale ngokuchanekileyo. (2)
- 4.5 Izenzi ezikrwelelwe umgca kumhlathi woku-1 zisetyenziswe zabonisa oluphi uhlobo lwesenzi? (2)
- 4.6 Funda ezi zivakalisi zilandelayo ukuze uxele intsingiselo eziswa bubukho besakhi esinomgca ngaphantsi:
- Umzekelo:** Ndandiyiqhelile ke into yokuthwabaza ehlathini ebusuku.
Impendulo: U-a uzisa intsingiselo yesenzo esenzekayo okanye esenzeka kudala.
- 4.6.1 Niza kufa. (1)
- 4.6.2 Ndikhabe ucango. (1)
- 4.7 Nika imo evumayo yesenzi esikumhlathi woku-1 esithi, 'ndingayiboni'. (2)
- 4.8 Xela ukuba zisetyenziswe njani ezi zifanekisozwi zilandelayo kwezi zivakalisi.
- 4.8.1 '... ndathi ntla ityholwana elimnyamana phambi kwam ...' (2)
- 4.8.2 'Cwaka, kuvakala kuphela ingxolo yeentaka zasebusuku.' (2)

- 4.9 Nika isichasi segama elithi, 'ndandisaziqothile', wandule ukulisebenzisa kwisivakalisi. (2)
- 4.10 Nika isithethantonye segama elithi, 'yanxanxatheka', uze usisebenzise kwisivakalisi. (2)
- 4.11 Isimamva u-ana kwigama elithi, 'ityholwana' sisetyenziswe njani? (1)
[23]

AMANQAKU ECANDELO C: **40**

AMANQAKU EWONKE: **80**